


Story Power

Isikhokelo sokufundela
ukuzonwabisa



Nalibali



Okungaphakathi kwesi sikhokelo

Yintoni kanye ukufundela-ukuzonwabisa?	3
Indlela ekuqalwa ngayo	4
Indlela yokukhethela abantwana iincwadi	6
Ukuphengulula amabali	7

- Ukuze ufumane iinkukacha ezithe vetshe malunga nokuphinda uwusebenzise kwaye/ okanye uwusasaze lo msebenzi, qhagamshelana nabakwaNal'ibali:
- The Nal'ibali Trust
- Suite 17–201, Building 17
- Waverley Business Park, Wyecroft Road
- Mowbray, 7700
- Umnxeba: (021) 448 6000
- I-imeyile: info@nalibali.org

Siyanamkela!

"UNal'ibali" libinzana lesiXhosa elihlaba ikhwelo "lokuqalisa kweseshoni yokwabelana ngebali". Kanajalo, eli ikwaligama lephulo likazwelonek lethu lokufundela ukuzonwabisa nelijolise ekuvuseleleni umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Mhlawumbi uthe nqa ukuba oku kubaluleke ngantoni na. Impendulo yoku ilula kakhulu, yile: ayikokuba nje ukwabelana ngamabali kusiphathela ulonwabo oluninzi kuphela, koko kukwanceda abantwana ukuba bafunde indlela yokufunda kwaye kukhulise nothando lokufunda ngaphakathi kubo. Abantwana abancinane abanothando lokufunda namhlanje, ngoongqa-phambili babasombululi-zingxaki bangomso!

Kwesi isikhokelo seStory Guide, unga fumanisa ukuba kuyintoni na ukufundela ukuzonwabisa kwanendlela onokukusebenzisa ngayo nabantwana abangabakho kunye/okanye nabantwana abasesikolweni sakho, abakwithala leencwadi lakho okanye kwiklabhu yokufunda yakho. Apha unokufumana iingcebiso ezibalaseleyo zokukhethela abantwana iincwadi kwakunge nokwenza imisetyenzana ephathelele emabalini.

Sijoyine ekufundeleni rhoqo abantwana!

Liqela lakwaNal'ibali

QAPHELA: Esi sikhokelo siyafumaneka ngazo zolishumi elinanye iilwimi ezisemthethweni eMzantsi Afrika. Lindela ezinye izikhokelo ezikuthotho lweStory Power! Zikhangele ezi zikhokelo ku-www.nalibali.org.



- Ukubundukunywa kwengqikelelo kuntey nolawulo Iwale projekthi: Project for the Study of Alternative Education in South Africa (i-PRAESA)
- Oguqulele esiXhoseni: Nobuntu Stengile
- Ukuzyo kwe mifanekiso yabalanganiswa bakwaNal'ibali: Rico
- Odizayinileyo: Magenta Media
- Ukuveliswa nokudidiyelwa kobuncwadi: Baseline Publishing Services

Yintoni kanye ukufundela-ukuzonwabisa?



UNal'ibali ubizwa ngokuba liphulo "lokufundela-ukuzonwabisa". Ngoko ke, yintoni kanye-kanye "ukufundela-ukozenwabisa" kwaye kutheni iyinto ebalulekileyo nje?

abantu ngabantu bakubiza ukufundela-ukuzonwabisa ngeendlela ezahlukileyo. Abanye bathi "kukuzifundela ngokukhululekileyo unganyanzelwanga" okanye nje "ukuzifundela ngokukhululekileyo". Abanye bathi "kukufundela ubumnandi" okanye "kukonwabela ukufunda". Kodwa, bonke bathetha into enye: ukufundela-ukuzonwabisa kukufunda kuba ubani efuna.

Ayikokufunda kuba ufundela ukufumana ingcaciso malunga neprojekthi ethile okanye i-asayimenti. *Ayikokufunda* incwadi ethile kuba utitshala wakho ethe wonke umntu eklassini yakho kufuneka eyifundile loo ncwadi, okanye kuba abazali bakho bethe ukufunda yinto ekulungeleyo. *Ayikokufunda* kuba kukho umntu othe uza kuku lawula ama-R20 ukuba uthe wafunda incwadi ngexesha leeholide, okanye kuba ufundela ukufumana iinkwenkwezi ezingaphezulu kunaye wonke umntu oseklassini yakho kwitshati yakho yokufunda.

Xa ufundela-ukuzonwabisa, uyazikhethela ukuba ufunu ukufunda ntoni na, kwaye, kumaxesha amaninzi, ulikhetha ngokwakho ixesha ofuna ukufunda ngalo. Akunyanzelekanga ukuba uyigqibe incwadi ukuba akuyithandi. Kwaye akunyanzelekanga nokuba uthethe ngayo okanye ubhale ngayo emva kokuba uyifundile – unga zikhethela ngokwakho ukukwenza oko, kodwa akunyanzelekanga ukuba ukwenze. Akukho vavanyo kufuneka ukuba ulubhalile emva kokuba ufunde loo ncwadi kwaye akukho mabhaso oza kuwafumana kuba ugqibile ukuyifunda loo ncwadi. Kodwa ngokuqinisekileyo zikhona ezinye iinzuso!

Xa ufunde kuba ufunu, eyona nzuzo yakho inkulu uyifumanayo yilaa mvakalelo yokuziva

wonelisekile emva kokufumana amava okufunda incwadi emnandi nenomdla. Loo mvakalelo ivela ekuziboneni ungena kwelinje ilizwe, okanye ekufundeni ngento onomdla kuyo, okanye ekuguqulweni nasekwenziweni nzulu kokuqonda kwakho into ethile okanye umntu othile. Akukhathaliseki nokuba umdala kangakanani na – nokuba ufundelwa ngomnye umntu, okanye uyazifundela ngokwakho – iinzuso zona ziyafana.

Kungeso sizathu kanye ke kubalulekile ukufundela abantwana kuba kuyinto eyonelisayo xa nikwenza ninonke. Xa abantwana bemamela amabali amaninzi nabatsala umdla, oko kubavumela ukuba bafumane amava amandla eencwadi. Oku kubakhuthaza ukuze bafune ukukufunda ukufunda, kwaye okukona befunda ngaphezulu, kokukona beza kugqwesa ekufundeni kakuhle.

Oku kuqhubeka njengento engenasiphelo: okukona ufundu kakhulu, kokukona kusiya kuba lula nangaphezulu ukufunda, kwaye ke oko kuya kubangela ukuba ibe kokukona ufunu ukufundela-ukuzonwabisa, ze ke ibe kokukona ufunu rhoqo. Oku ke kuko okwenza dbantwana ukuba babengabafundi ubomi babo bonke.



Indlela ekuqalwa ngayo

Ukufundela abantwana ngokuvakalayo kubanceda ukuba bafumane amava nobuncwane bokonwatyiswa ngamabali. Kananjalo kukwawuselela imifanekiso-ntelekelelo nengqikelelo yabo, ze kupuhhlise ulwimi lwabo, imfuna-lwazi yabo kune nolwazi lwabo ngokubanzi.


Nokuba ufundela ngokuvakalayo abantwana abangabakho okanye iqela labantwana eklassini yakho okanye kwiklabhu yokufunda yakho, nazi ezinye zeengcebiso ezinokuninceda xa ninonke ukuze nifumane lukhulu kwixesha lenu lokufunda xa nikunye.

- ★ **Zonwabiseni.** Eyona nto ibalulekileyo kukuba nonwabe, kuba yiloo nto kanye eyakwenza abantwana bakho ukuba bafunde ukuba ukufunda ngumsetyenzana omnandi nowonwabisayo.
- ★ **Ukukhetha iincwadi.** Khetha iincwadi okonwabelayo ukuzifunda, kodwa zibekho nezo zingqinelana nemidla etshintshatshintshayo yabantwana bakho. (Ungafumanisa ngakumbi malunga nokukhetha iincwadi kwiphepha le-6.)
- ★ **Likhetha kakuhle ixesha.** Balisa amabali ngamaxesha apho abantwana bakho bakufumanisa kulula ukuzinza, mhlawumbi njengasemva kokuhlamba okanye ebusuku phambi kokulala. Abantwana abancinane bangakufumanisa kunzima ukumamela ithuba elide, ngoko ke ungafundi ixesha elide ngokugqithisileyo. Khumbula kaloku ukuba ujunge ukubakhuthaza babenomdla kumabali nasezincwadini, ngoko ke ungabakruquli!
- ★ **Phambi kokufunda.** Abantwana bangafuna ukunikwa ixeshana lokuzinza phambi kokuba niqalise nokufunda. Abantwana abancinane bahambisana kakuhle kakhulu nengoma okanye nesicengcelezo okanye ukuqashela into elingayo ibali ngokujonga emfanekisweni oseqweqweni (kumkhavarisho) kune nesihloko sencwadi. Cela abantwana abadalana ukuba bakhumbule ukuba kuphele kusenzeka ntoni na kwinoveli ebeniyifunda ngokuvakalayo kwiseshoni yenu yokugqibela.
- ★ **Ungalitsibi iqweqwe (umkhavarisho).** Funda itayitile yencwadi kune negama lombhali nelomzobi qho xa ufunda incwadi.

Oku kunceda abantwana baqonde ukuba ngabantu bokwenyani abafana ncakasana nabo ababhala nabazoba imifanekiso ezincwadini.

- ★ **Dlalisa eqongeni!** Ukufunda ngokuvakalayo kufana nokwenza udlaliso-qongeni! Bonakalisa imvakalo-zwi ngokuthoba-usenyusa ilizwi lakho ukudala imeko-bume yebali.
- ★ **Ukuqihelisa kukwenza igcisa elifezekileyo.** Ukuba usaqala ukufunda ngokuvakalayo, ziqhelise ukulifunda ngokuvakalayo ibali amaxesha ngamaxesha phambi kokuba ulifundele iqela labantwana.
- ★ **Cinga ngabakuphulaphuleyo.** Zama ukubacingela abaphulaphuli bakho ze ke ungafuldi ngokukhawuleza kakhulu kodwa unganentsi, hambisana nesatyababo! Banike ixesha lokuba babuke imifanekiso kakuhle okanye bazenzele umfanekiso-nqondweni lo gama ufundayo.





- ★ **Ukuba yinxalenyenye yebali.** Sonke kufuneka sifunde indlela yokuphulaphula neyokuzibandakanya nebali. Tsalela umdlala wabantwana bakho ebalini, umzekelo, ngokubabuza ukuba bacinga ntoni na malunga nento eyenziwe okanye ethethwe ngumlinganiswa othile, ngokuxoxa ngomnye wemifanekiso, okanye ngokubacela ukuba bakuthile amaphepha encwadi.
- ★ **Bonisa ngemifanekiso.** Xa ufunda incwadi yemifanekiso, qinisekisa ukuba wonke umntu uyalifumana ithuba lokubuka imifanekiso. Mhlawumbi ungathanda ukuhamba unqumama ekufundeni, ubonise abantwana imifanekiso ze ubavumele ukuba bahlomle okanye babuze imibuzo lo gama ufundayo okanye emva kokuba uyifunde yonke incwadi leyo kwakanye.
- ★ **Buza imibuzo.** Lo gama ulifundayo ibali, buza imibuzo enguhalala malunga nebali elo. Umbuzo othi, "Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni?" ubaluleke kakhulu ekuncedeni abantwana ukuba baphuhlise izakhono zabo zokuqikelela, nezakhono ezo ziymfuneko empumelelweni yabafundi kwanasekukwazini ukuzifundela ngokwabo.
- ★ **Joyina ekufundeni.** Njengoko abantwana bakho besiya beliqhela ibali, okanye njengokuba abantwana abadalana befunda ukuzifundela ngokwabo,

Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe ngokufundela abantwana, kwakanye neendlela zokufundela abantwana ababudala bungalinganiyo, yiya ku-www.nalibali.org.

bacele ukuba bakuncedise ekufundeni ibali. Abantwana abancinane badla ngokukuthanda ukucengceleza iindawo ezithile zebali abalihelileyo – ngakumbi xa amagama aneemvanosiphelo nezingqisho okanye kukho ibinzana eliphindaphindwayo. Fundani ngaxeshanye nabantwana abadalana xa bazama ukufunda amagama asephepheni kunye nave, ube wena uwolatha amagama lawo xa uwafunda.

★ **Yifunde kwakhona!** Xa abantwana bakho bekucela ukuba uphinde ulifunde ibali ... uliphindaphinde okokoko, kwenze oko! Oku kwenza ukuba bamane bebhqa izinto ezintsha ngebali.

★ **Ukufunda kunye kukwalungiselelwababantwana abadala.** Xa abantwana sele bekwazi ukufunda, akuthethi ukuba yeka ukubafundela! Khetha iincwadi eziqatha nezintsonkothileyo kunezo bakwaziyo ukuzifundela ngokwabo. Ukuba ufunda ngokuvakalayo inoveli, funda isahluko okanye inxalenyenye yesahluko eso suku ngalunye. Khangela indawo oza kuphela kuyo aphi ebalini neyakwenza abaphulaphuli bakho babenomdla wokuqhubeke nebali kusuku olulandelayo.

Phinda-phinda:

Kulungile ukulandela isikhokelo sabantwana kwanokuwuphindhaphinda umlingo nomangaliso lowo kunye nabo! Xa abantwana bekucela ukuba ubafundele incwadi uyiphindaphinde, eso sisiqinisekiso nophawu lokuba bayanamathela ekufundeni iincwadi, nokuba babudala buziinyanga ezili-10 kuphela okanye iminyaka eli-10 na!

Indlela yokukhetela abantwana iincwadi

Zeziphi iincwadi ezibenza abantwana bafune ukufunda nangakumbi? Kumaxesha amaninzi abafundi abancinci incwadi bayikhetha kuba bethanda imizobo yayo esequeeqweni! Abafundi abanamava bayikhetha ngenxa yokuthanda umxholo wayo okanye ngenxa yokwazi umbhalwayo. Ubakhethela njani abantwana iincwadi ke ngoku? Nazi ezinye zeengcebiso:



1. Nikanani amathuba

Kumaxesha athile bavumele abantwana bakho ukuba bazikhethela ngokwabo iincwadi abafuna ubafundele zona. Ukanti, ngamanye amaxesha, thethanani malunga neencwadi emanizikhetha ze ke wena ucebise ngezo ucinga ukuba ziylungele imidla yabo.

2. Cela uncedo

Buza abahlobo babantwana bakho ukuba yeyiphi na incwadi abayifundileyo nabathe bayonwabela okanye ubuze abazali babo ukuba zeziphi na iincwadi abantwana babo abazifundayo ngaloo mzuzu. Yazana ngcono noosothala abakufutshane nawe ze ubabuze ngababhali abathandwa ngabantwana abakwiminyaka ethile.

3. Ulwimi lweenkobe lubalulekile

Iincwadi zabaselula nezabasalungiselela ukuqala isikolo kufuneka zibe ngolwimi lwabo, xa iimeko zivuma. Zama ukuziguqulela iincwadi ozifunayo ezinamagama ambalwa nezipapashwe ngeelwimi ezingezizo ezo uzifunayo. Kananjalo zama ukufuna neencwadi zabantwana abadala ezibhalwe ngeelwimi zabo – akukho nto imnandi ukudlula ukufunda ibali ngolwimi lwako!

4. Iincwadi zeentsana

Lintsana zithanda iincwadi ezinemibala okanye ezinemifanekiso yezinto okanye yabantu nezibhalwe ngendlela elula. Bayavana nokuthuthuzelwa ngezicengcelezo nokuva isinqisho solwimi kwanokumamela uphindaphindo neevesi.

5. Iincwadi ezingenamagama

Iincwadi ezingenamagama zilulutho kakhulu ngoba ufumana ithuba lokulibalisa ngendlela yakho nangaluphi na ulwimi ibali. Ngaloo ndlela abantwana batsho nabo bakwazi nokuziqambela awabo amabali.

6. Iincwadi ezifanelekileyo zokufundwa ngokuvakalayo

Iincwadi zezicengcelezo, ezineemvanosiphelo, isinqisho kunye nophindaphindo rezona zikulungele kakhulu ukufundelwa ngokuvakalayo abantwana abancinane, kwaye zikwazezona zilunge ncum xa kufundiswa abantwana okokuqala

ulwimi olutsha. Njengokuba abantwana bakho besiya belazi ibali, bakhuthaze ukuba bakujoyine lo gama ufundayo.

7. Ukusuka kokwaziwayo ukuya koko kungaziwayo

Chonga iincwadi ezinento yokwenza nezinto ezichaphazela ubomi babantwana bakho – umzekelo, iincwadi ezinemifanekiso yezindlu ezifana nezakumawabo. Chonga nezinye iincwadi ezibanika amava amatsha abantwana, ezifana neencwadi zeentsomi okanye amabali enzeka kwiindawo neenkubeko ezahlukileyo.

8. Iincwadi ezifanele abantwana abakwaziyo ukufunda

Kubantwana abasele bekwazi ukufunda kungcono ukubakhethela iincwadi abanako ukuzifundela ngokwabo, nezinye zeencwadi eninokuzifunda kunye, ze ke ezinye zibe zezo unokubafundela ngokwakho (ingakumbi ezo zinolwimi oluntsokothileyo noyilo okanye isakhiwo sebali esinzima).

9. Jongana ngqo kunye neemvakalelo kunye neenkxalabo

Iincwadi ezinemifanekiso neenoveli ezimalunga neeningo zabantwana – nto ezo zifana nokuzalwa komnye umntwana elusatsheni, izigulo, ukuchitheka kwemitsato yabazali babo okanye imingeni eziswa bubutshomi phakathi kwabantwana – zinokubanceda bamelane neendlela abaziva ngazo ze bakwazi nokumelana neenkxalabo abanazo.


10. Quka iincwadi zolwazi engqokeleleni

Iincwadi zolwazi azilungelanga abantwana abadala nje kuphela. Iincwadi zezinto ezinobunyani namanqaku obomi zikhuthaza umxhino wokufuna ukwazi ze ngaloo ndlela zibancede bafunde ngeli hlاباتي lethu.

Imizuzu nje eli-15 yokufunda nomntwana wakho imihla ngemihla ingambonisa isigidi sonke samagama abhaliwego ngonyaka omnye nje kuphela.

Ngu-Anderson, Wilson & Fielding, ngowe-1998

Ukuphengulula amabali



Ingaba uyakonwabela kusini na ukufunda kanye nabantwana bakho kwaye ingaba ufunu ukuqinisekisa ukuba bazuza kakhulu kangangoko kweli xesha nilichitha ngale ndlela? Nazi ezinye zeengcebiso ngemisetyenzana eninokuyenza phambi kokufunda, lo gama kufundwayo nasemva kokufunda loo ncwadi kungayo. Le misetyenzana yenza nzulu kwaye yandisa amava ngeencwadi enizifunde kanye. Eminye yale misetyenzana ilungele abantwana xa bebonke ngokobudala, lo gama eminye yayo ilunga ngcono kubantwana abadalana – khetha leyo ocinga ukuba yeyona ilungeleyo iimeko zabantwana bakho.

Phambi kokufunda

- ★ Sebenzisani elinye lexesha lenu ngokujonga iinkukacha kanye nemizobo okanye imifanekiso neefoto eziseqweqwesi elingaphambili lencwadi. Mhlawumbi ungathanda ukusifunda nesishwankathelo-ntengiso sencwadi esikwiqweqwesi langasemva nabantwana abadalana. Oku kunceda abantwana bafunde ukuba bangalusebenzisa ulwazi olufumaneka kumaqweqwesi encwadi ukuze bazithatthelele isiqqibo sokuba bayafuna kusini na ukuyifunda loo ncwadi okanye abafuni.
- ★ Cela abantwana bakho ukuba basebenzise iqweqwesi lencwadi ekuqikeleleni okanye ekuqasheleni ukuba imalunga nantoni na incwadi leyo. (Mhlawumbi emva kokuba uyigqibile incwadi, ungakulandelisa oku ngokubabuza abantwana bakho ukuba bacinga ukuba ukuqikelela kwabo bekuchanekile kusini na!)
- ★ Buza abantwana bakho ukuba akhona kusini na amanye amabali abawaziyo abalisa ngezinto ezifanayo nezi zibaliswa kweli bali. Kananjalo bameme ukuba babelane nomntu wonke ngezabo iinkumbulo, umzekelo, babuze uthi, "Ingaba wakhe walahleka?"

Lo gama kufundwayo

- ★ Lo gama kufundwayo, nqumamani kanye okanye kabini, uze ubabuze uthi, "Ucinga ukuba emva koku kuza kwenzeka ntoni?" Ukusinga ngonobangela kanye nesiphumo kwenza nzulu ukuqonda kwabantwana ngokuphathelelene nendlela izinto ezisebenza ngayo.
- ★ Cela abantwana bakho bahlomle malunga nemifanekiso okanye bafumane abantu abathile okanye izinto ezithile aphi emifanekisweni.
- ★ Ukuba abantwana bakho sele bekwazi ukufunda, nikanani amathuba, nifunde ngabanye iindawo ezahlukileyo zebali. Khuthaza abantwana abancinane ukuba bangenelele aphi ekufundeni ngokwenza ngathi bayafunda nabo (okanye bacengceleze) iindawo ezithile abazazi kakuhle ebalini, kwaye bangakuncedisa nokukuncedisa ukwenziweni kwezandi neengxolo eziyinxalenyi yebali, ezifana nokunkqonkqoza emnyango okanye ukuvuthuza komoya.

Khangela amabali angeelwimi ezili-11 ezisemthethweni eMzantsi Afrika noza kuwafundela abantwana bakho ku-www.nalibali.org kanye naku-www.nalibali.mobi.

Emva kokufunda

- ★ Amabali amaninzi agqalisela kwindlela abalinganisa abajongana ngayo nemingeni obubaphathela yona ubomi. Kubaluleke kakhulu ukuba abantwana ezi zinto bazinxulumanise nemingeni abajongana nayo kobabo ubomi. Bakhuthaze ukuba banxibelelane okanye bayelelanise ngokomelela kwala makhonkco ngokuthi mhlawumbi kubo, "Xa ndinifundela eli bali, ndikhumbula indlela ababaluleke ngayo abahlobo bokwenene. Ingaba linikhumbuza ntoni nina eli bali?"
- ★ Uvelwano lupuhla ebantwaneni xa bathe bazifaka ezihangwini nemeko yomlinganisa lowo. Bancede ekwenzeni oku ngokubacela ukuba bacinge ngezizathu ezibangela ukuba umlinganisa othile aziphathe ngendlela leyo aziphethe ngayo kwelo bali.
- ★ Mema abantwana ukuba baphinde balibalise ibali elo ulifundileyo, okanye bazobe okanye bapeyinte umfanekiso weyona ndawo bayithandileyo aphi ebalini. Okanye, yenzani udlalo-qonga okanye ulingisa ngebali elo xa ninonke. Le misetyenzana ibanceda ekuzikiseni kokuqonda kwabo ibali.

Nxibelelana noNal'ibali

Yiba yinxalenye yesixokelelwano sikaNal'ibali uze usebenzise amandla amabali ukuvuselela abantwana ukuba bafune ukufunda nokubhala.

Ndwendwela amaqonga ethu ahlukileyo aqulethe imithombo kanye neengcebiso zokufundela ukuzonwabisa, ze ufumane namabali abantwana afumaneka ngeelwimi ezili-11.

lindlelo zikaNal'ibali

Fumana uhlelo lwakho lokufundela-ukuzonwabisa olubhalwe ngeelwimi ezimbini kwiphephandaba le *Sowetan*, *iSunday Times Express*, *iDaily Dispatch* kanye ne *The Herald*. Ukuze ufumane iinkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku www.nalibali.org.



UNal'ibali kunomathotholo

Phulaphula iinkqubo zikaNal'ibali kunomathotholo kwizikhululo zosasazo zikawonkewonke kwijelo losasazo le *SABC*, uze wonwabele amabali abantwana ngazo zoli-11 iilwimi ezsenthethweni eMzantsi Afrika! Ndwendwela ku www.nalibali.org ukuze ufumane **isicwangciso seentsuku namaxesha akunomathotholo** ngawo uNal'ibali.

www.nalibali.org

Ndwendwela **iwebhusayithi** kaNal'ibali ukuze ufumane simahla amaxwebhu eengcebiso, iiblog zelitheresi, iingcebiso ngokufunda kanye namabali abantwana.

www.nalibali.mobi

Fumana iingcebiso ngokubalisa amabali kanye nokufunda, inkaso yeklabhu zokufunda kwakanye namabali angeelwimi ezili-11 zase Mzantsi Afrika – **kwiselula** yakho!



Imidiya Yokuncokola

Joyina incoko eku **Facebook** uze usilandele ku **Twitter** naku **Instagram** ukuze ufumane iingcebiso nezihlaziyiwego ezikhuthazayo ngokufundela ukuzonwabisa, izaziso kanye nokhuphiswano. Unokundwendwela ijelo lethu losasazo lika **YouTube** ku www.youtube.com/user/TheNalibaliChannel ukuze ufumane iingcebiso ezilunchedo zeklabhu yokufunda.



Nxibelelana nathi ngokufonela iziko lethu leminxeba ku **02 11 80 40 80**, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo: www.nalibali.org www.nalibali.mobi

[nalibaliSA](#) [@nalibaliSA](#) [@nalibaliSA](#) info@nalibali.org

